



# INTSHAYELELO

ITotalEnergies EP South Africa B.V. (TEEPSA) licandelo laseMzantsi Afrika le TotalEnergies. ITEEPSA, kunye namaqabane/namahlakani ayo, iQatarEnergy International E&P LLC, iCanadian Natural Resources International South Africa Limited, kunye nemanyano yase Mzantsi Afrika, MainStreet 1549, bangenise izicelo kwi Petroleum Agency South Africa (PASA) yeLungelo leMveliso kunye noGunyaziso lokuSingqongileyo kwi oli kunye nemisebenzi yegesi/yerhasi kunye nebhloko ekude nonxweme, eyaziwa ngokuba yi Bhloko 11B/12B. Esicelo siquka imisebenzi yemveliso kunye nokuhlola yomibini. Oku kuthetha ukuba i-TEEPSA ifake isicelo sokukhupha imithombo yegesi/yerhasi engaphantsi kolwandle, ukwenzela inzuzo yorhwebo kangangesithuba seminyaka engama - 25 years.

## Imisebenzi yemveliso

Ukuba iLungelo lweMveliso linikiwe kwaye uGunyaziso lweNdawo lufunyenwe, i-TEEPSA iceba ukugrumba ukuya kutsho kwimingxuma emihlanu okanye emithandathu yemithombo yemveliso kwiNdawo yoPhuhliso lweProjekthi. Igesi/irhasi kunye nolwelo eziphuma emigodini ziyakuthuthwa ngombhobho ukuya kwiqonga elikhoyo kumphezulu wolwandle elibizwa ngokuba yiF-A Platform, elimalunga neekhilomitha ezingama-40 kumntla-ntshona we- Bhloko 11B/12B.

## Imisebenzi yokuhlola

IProjekthi ijonge ukutsala igesi/irhasi njengenjongo yayo ephambili, kodwa kwanokufumana ezinye iindawo ezigcina igesi/irhasi. Ngokwenza oku, bachonge indawo ebizwa ngokuba yi- Exploratory Priority Area apho bayakwemba imithombo eminewhere. Bazakwenza nolunye uvavanyo lwenyikima kuyo yonke ibhloko.

**IBhloko 11B/12B ibekwe kude nonxweme kunxweme oluseMzantsi eKapa lwase Mzantsi Afrika kwaye indawo yesicelo imalunga ne- 12 000 km<sup>2</sup> (jonga uMzobo 1-1). Indawo ekumntla-mpuma ye- Bhloko 11B/12B eyindawo yesicelo imalunga nama 75 km kude nonxweme lwe Cape St Francis, kwaye indawo yomntla-ntshona imalunga ne- 120 km kude kunxweme lwase Mossel Bay. Ngaphakathi kwe Bhloko 11B/12B, imimandla emibini apho ubuninzi bemisebenzi yeProject izakwenziwa khona ibonakaliswe kuMfanekiso 1-1 njengoMmandla woPhuhliso lweProjekthi kunye noMmandla woHlolo oluPhambili.**

Mossel Bay Cape St Francis



# IXESHA LEZIGANEKO

## **ILUNGelo LEMVELISO**

Oku kufunyanwa kwiSebe leMithombo yeZimbiwa naMandla. Xa isicelo seLungelo leMveliso sifakiwe, isicelo soGunyaziso lweNdalo naso siyenziwa.

## **UVAVANYO LWEMPEMBELELO YOKUSINGQONGIL EYO NEYOLUNTU**

Oluvavanyo lujolise ekuqikeleleni ifuthe lokusingqongileyo nezentlalo zeprojekthi. Oku kufakwa kwingxelo kwaye kokusekelwe koku, iSebe leMithombo yeZimbiwa naMandla lithatha isigqibo sokuba lilunike na ugunyaziso lwemisebenzi yokusingqongileyo.

I-WSP Group Africa (Pty) Ltd (WSP) ligosa Ingcali yovavanyo lwendalo esingqongileyo kwesisithuba, kwaye baqulunqa i- ESIA.

Ingxelo eyidrafti ye-ESIA ngoku iyafumaneka ku- <https://wsp-engage.com/Total-11B12B/>

## **IZIMVO ZOLUNTU**

Onke amaQela anoMdlanaChaphazelekayo (All Interested and Affected Parties) (I&APs) anikwe ithuba lokuvakalisa izimvo zawo malunga noyilo lwe= ESIA.

**SILAPHA**

## **INGXELO YOKUGQIBELA YE- ESIA EPAPASHIWEYO**

Oku kubandakanya zonke izimvo ezifunyenweyo kuyilo lweNngxelo ye- ESIA. Oku kungeniswa kwi-PASA ukuze iqwalaselwe kwaye iphononongwe.

## **ISINDULULO SE- PASA**

Emva kophononongo lwayo, i=PASA iyakubonelela ngengcebiso kwiSebe leMithombo yeZimbiwa naMandla malunga nokuba lulinike na okanye lulale uGunyaziso lokusiNgqongileyo.

## **ISIGUNYAZISO ZOKUSINGQONGIL EYO**

Oku kufunyanwa kwiSebe leMithombo yeziMbiwa naMandla, kwaye, ukuba sinikiwe, siyakuvumela ukuba i-TEEPSA iqhubele phambili nezicwangciso zayo zokutsala igesi/irhasi.

- Emva kokuba iSebe likhuphe isigqibo salo, onke amaQela anoMdlanaChaphazelekayo (all Interested and Affected Parties) (I&APs) abhaliswe kuvimba weenkukacha weprojekthi ayakwaziswa ngesiphumo sesicelo kunye nezizathu zesigqibo kwiintsuku ezili- 14 zomhla wesigqibo.
- Ukuba kukho nabani na ongavumelaniyo esenziwe liSebe, isibheno esichasene nesosigqibo singangeniswa kwiSebe lezamaHlathi, ukuLoba kunye nokusiNgqongileyo kwiintsuku ezingama- 20 emva kokwaziswa ngesigqibo.

# IINKCAZO ZOMSEBENZI KUNYE NAMACANDELO ANXULUMENE NAZO


## UKUGRUMBA

Ukugrumba kwenziwa ngezigaba ezimbini, ezibizwa ngokuba “anganyukiyo” kunye “nanyusiweyo” amanqanaba okomba. Ekuqaleni kokugrumba, ungxuma uyakugrunjwa kumgangatho wolwandle. Ngokumalunga nama- 70m ubunzulu, umbobho uyakufakwa emngxunyeni kwaye ufakwe isamente kulondawo, emva koko intloko yomthombo (wellhead) izakubekwa phezu kombobho. Amanye amacandelo ke ngoko azakugrunjwa abe kubunzulu obumalunga ne-1 070m. Isigaba sesibini siqala ngokuncitshiswa kwe- Blow-Out Preventer (BOP) kwintloko yomthombo on the wellhead, etywina umthombo kwaye ithintele nakuphi na ukuphuma kolwelo (fluids) okungalawulwayo (umz, ioyile, igesi okanye ukujiya condensate) okuphuma emthombeni/kwiqula.

- ESIA ichonga amacandelo enkqubo yokomba ngoluhlobo lulandelayo:
- Ukugrunjwa ukuya kutsho kumaqula amathandathu ophuhliso kunye novavanyo appraisal;
- Ukufakelwa kwenkqubo yemveliso engaphantsi kolwandle;
- Ukufakelwa kombobho wemveliso engaphantsi kolwandle ukusuka kwindawo yophuhliso lweprojekthi ukuya kwiQonga le- F-A;
- Ukufakwa kwesinyus the riser siye kwiQonga le- F-A – icandelo elime nkqo lokudibanis umbobho wokuvelisa kwiqonga, kunye Uhlengahlengiso leQonga le- F-A (iphepha 132 le- ESIA).

## ISISEKO SOLUNGISELELO LONXWEME

Ngexesha lazo zonke izigaba zeProjekthi, imisebenzi yenkxaso iya kubandakanya ukuthuthwa kwezixhobo, iimpahla kunye nabasebenzi ngenqanawa. Ukuthuthwa kwezixhobo ezininzi kuya kwenziwa ukusuka kumazibuko aseGqeberha kunye/okanye eKapa. Kucingelwa ukuba isiseko sobonelelo seProjekthi siya kuba phakathi kwezibuko laseMossel Bay.



## IYUNITHI YOKOMBA

Iyunithi yokomba yinqanawa eyakhiwe ngokesiqhelo eyenzelwe ukusebenza elwandle. Ngokusekelwe kwimozulu yommandla kunye neemeko zolwandle kunye namava afunyenwe ekwembeni imithombo yokuhlola kwiBhloko 11B/12B, i-TEEPSA kunokwenzeka ukuba isebenzise iyunithi yokomba engantywiliselwayo. Iyunithi yokomba engantywiliselwayo sisakhiwo esidadayo seepontoni/samaphenyane ezithi inxenywe yazo zikhukuliswe ngamanzi olwandle zokutshonise iipontoni/amaphenyane ngaphantsi komphezulu wolwandle apho intshukumo yamaza icuthekileyo

## IINQANAWA ZOKUXHASA


Imisebenzi exhasayo iyakubandakanya ukusetyenziswa kweenqanawe zokubonelela kunye nenkxaso kunye neenqanawe zokudontsa ukuxhasa imisebenzi yolwakhiwo kunye nofakelo, ukusebenza kunye nokuphelisa ugunyaziso. Izikhephe nazo ziyakusetyenziswa ukuxhasa umsebenzi wokugrumba. Ezonqanawe zinokusebenza ukusuka kwizibuko lase- Mossel Bay.

## IHELIKOPTA

Ukuthuthwa kwabasebenzi ukuya nokubuya kwiiyunithi yokugrumba ngehelikopta yeyona ndlela ikhethwayo yokudluliselwa. Kuqikelelwa ukuba kunokwenziwa ihambo ezimbini ngosuku phakathi kweenqanawa yokugrumba kunye nesikhululo seenqwelomoya eGeorge ngexesha lokutshintsha abasebenzi. Iihelikopta zingasetyenziselwa ukukhutshwa kwezonyango ukusuka kwiiyunithi yokugrumba ukuya elunxwemeni (emini okanye ebusuku), ngexesha likaxakeka.

## UPHANDO LOKUGRUMBA

Uphando lwaselwandle kunye nokuqokolelwa kwedatha kuyakuqhutywa kwiBhloko 11B/12B. Uphando lwe-Sonar luyakusetyenziswa ukuphanda ubume bomgangatho wolwandle kummandla wamaqula exesha elizayo, ukuba kuyafuneka. Uphando luyakwenziwa kwiinqanawa kwaye lunokusebenzisa i-echo-sounding kunye neprofayile engezantsi. Uphando olunjalo luquka ukusasaza (transmission of frequency pulses) ukuya kumgangatho wolwandle ukuvelisa umfanekiso womhlaba ongaphantsi komgangatho wolwandle kunye nokuchonga nayiphi na imiqobo okanye iingozi.



# IMPEMBELELO EZINOKUBAKHO ZEPROJECT EZINXULUMENEYO

*Ezi mpembelelo ziphawulwe kwiingxelo ezahlukeneyo zovavanyo olulodwa oluyinxalenye yoyilo loyilo lweNdalo kunye noVavanyo lweMpembelelo yeNtlalo.*

## IIPEMBELELO KWIINTLANZI NAKWIINTLOBO ZASELWANDLE

Kwinqanaba lophononongo kunye nemveliso, ukufakela iziseko zophuhliso kuya kwandisa iimpembelelo kwiindawo zokuhlala kunye nezilwanyana zasendle ezinxulumene nazo. Xa iziseko ezingundoqo, njengeiankile kunye nemibhobho, zibekwe phantsi kolwandle, ziphazamisa ulwandle kunye nokwanda kwentlenga kwiindawo okwethutyana. Kukho iinkxalabo zokuba ukusebenzisa i-ankile kwiindawo enzulu yolwandle kunokuchaphazela kakubi iindawo zokuhlala, ezifana nezo zidalwe ziikorali kunye nezipontshi, ezithe-ethe. Ukufakela imibhobho kutshintsha ubume bemeko yendawo engaphantsi kolwandle, kwaye umhlwa kunye nokuvuza okunokubakho kwemibhobho kunokubeka emngciphekweni ungcoliseko lwezidalwa ezinzulu zolwandle. Ingxolo eveliswa kukomba, ukusebenza koomatshini, kunye nokuhamba kweenqanawa kunokuphazamisa indlela yokutya kunye nokufuduka kweentlobo zaselwandle, ngakumbi ezo zixhomekeke kwisandi kunxibelelwano kunye nokuhamba. Imikhwa yokuzala yezilwanyana zaselwandle, intlanzi, iimbatyisi, oononkala, kunye nekrili encinci, iyaphazamiseka, ikhokelela ekucuthekeni kwabemi bendawo. Iintaka ezifudukayo kunye nezinye izilwanyana eziselunxwemeni nazo zisenokwenzakala ngokugrunjwa ngaphandle konxweme

## UKUKHUTSHWA KWENGXOLO

Owona mthombo uphambili wengxolo evela kwimisebenzi yeProjekthi eqhutywe kwiindawo ekude nonxweme iya kuvela kwiinjini zenqanawa, uphando lwe-sonar kunye nomatshini osebenzayo kunye nezixhobo, kubandakanywa iinjini, iijenereyitha, iimpompo kunye neekhreyini. Elunxwemeni, owona mthombo wengxolo uphambili uya kuvela kwiinqwelo-ntaka ezisetyenziselwa ukuthutha abasebenzi. Ingxolo evela kwimisebenzi yokugrumba ilindeleke ukuba ibonise ezona mpembelelo zinkulu zengxolo ezinxulumene neProjekthi.

## UKWANDA KOKUTSHINTSHA KWEMOZULU

Utyalo-mali kumafutha efosili lwenza nzulu ubunzima bemozulu. Yakuba isetyenzisiwe, ioyile /nerhasi ziya kwandisa isixa secarbon dioxide emoyeni, nto luyo enegalelo kutshintsho lwemozulu.

Ezinye zeempembelelo zokutshintsha kwemozulu kwiindawo eziselunxwemeni ziquka ukunyuka kwekharbon diokside emanzini naselwandle. Iasidi, umahluko kubushushu bomoya namanzi, utshintsho kwiipateni zemvula, isantya sokunyuka komphakamo wolwandle, utshintsho kumandla sisaqhwithi, kunye nokutshintsha kweepateni zamaza. Ngokophononongo olwenziwa nguOceana ngo-2022, ukunqanda ukombiwa kwe-oyile elwandle kunye negesi/nerhasi ngelixa kuncitshiswa ngokuthe ngcembe imveliso yangoku kunokuba negalelo ekufezekiseni phantse i-13% yokunciphisa ukukhutshwa kwezinto ezikhutshwayo eziyimfuneko ukunciphisa ubushushu behlabathi bube ngaphantsi kwe-2 degrees Celsius kwaye kuthintelwe ezona ziphumo zibi kakhulu ingxaki yemozulu. Ukutshintsha kwemozulu kuya kuchaphazela wonke umntu, ingakumbi uluntu olunemivuzo ephantsi. Oku kunokukhokelela ekungakhuselekeni kokutya, ukulahlekelwa yimpilo, ukufuduswa kwabantu kunye nempilo enkenekene.

## **IIMPEBELELO KUBOMI**

Uluntu kunye nabanye abachaphazelekayo baxhomekeke kulwandle kunye nonxweme ukuze baziphilise. Singafumana abalobi kunye nabaqhubi bezokhenketho umzekelo, eSt Francis Bay, eMonti naseGqeberha. Olunye uluntu luqhuba uluhlu lwezithethe elwandle naselunxwemeni. Nayiphi na impembelelo eguqula kakubi inkqubo yendalo yaselwandle kunye nobomi baselwandle bunokuba nefuthe elibi kubomi beentlobo ngeentlobo zabachaphazelekayo. Kufuneka kuqatshelwe kwakhona ukuba abantu badibanisa iindlela zokuphila ukuze baphile, kwaye ukuba kukho impembelelo enkulu engalunganga ekulobeni, ngoko ke impilo yoluntu ngokubanzi inokuba yingozi

## **IIMPEBELELO KWINKUBEKO NELIFA LEMVELI**

Abantu banobudlelwane benkcubeko nolwandle kunye nonxweme, kwaye oku kuthetha ukuba abantu bayayixabisa indalo. Ulwandle luchazwa "njengamanzi aphilayo" yaye lusetyenziselwa ukunxibelelana nezinyanya, kwakunye nokunceda impilo yethu yomzimba nengqondo. Nayiphi na impembelelo kula manzi aphilileyo inokuchaphazela unxibelelwano nezinyanya. Kukwajongwa njengokunyhashwa kolwandle. Ulwandle lukwabonelela kwaye luphucula 'iimvakalelo zendawo' ezizodwa. Zonke iisayithi ezinokuthi zichatshazelwe kukombiwa kwegesi/kwerhasi sele zitsala abakhenkethi basekhaya nabamazwe ngamazwe ngenxa yolu luvo lwendawo.

Uluntu lwabalobi abasakhasayo lubonise ukuba ukuloba kuphucula indlela ethile yokuphila. Intsingiselo, ingundoqo kubomi benkcubeko kunye nokusebenza. Imisebenzi yokuloba ibandakanya ukusebenza ngendlela enentsingiselo eluntwini, ukuba yinxalenye yeqela lentlalontle yabalobi, ukuba nemida yasekuhlaleni kunye neenkqubo zenkcubeko zokuziqhelanisa neli qela. Iimpembelelo ezimbi ezibangelwa yiProjekthi zinokuphazamisa le ndlela yokuphila.





# I-TEEPSA ICHONGE EZIMPEMBELELO ZINTLE ZILANDELAYO ZEPROJEKTHI

*Ezi zezinye zeempembelelo ezikwi drafti i-ESIA, ezisephantsi kokugagocwa luluntu.*

## UKUNCITSHISWA UKUKHUTSHWA KWEKHABHONI NOKUPHUCULWA KOMGANGATHO WOMOYA

Xa isetyenziselwa ukuvelisa amandla, igesi/rhasi ikhupha malunga nesiqingatha sekhlabhoni dayoksaydi (carbon dioxide) xa ithelekiswa namalahle, kwaye ayikhuphi naziphi na iioksaydi ze salfa okanye inaytrojini (sulphur or nitrogen oxides). Ngoko ke, ukutshintshwa kokuveliswa kwamandla amalahlle ngokuveliswa kwamandla egesi/irhasi kuvumela ilizwe ukuba lingacini nje ukunciphisa ukukhutshwa kwe khlabhoni, kodwa nokuphuculwa komgangatho womoya.



## UPHUHLISO LWEZAKHONO

Isigaba seminyaka engama- 25- semveliso yeBhloko-11B/12B siyakudala amathuba ophuhliso lwezakhono, ngakumbi kwiinkalo ezinxulumene nokusebenza nokugcinwa kweQonga le- F-A. ITEEPSA izakusebenza ne-PetroSA ukuphumeza uqeqesho olufanelekileyo kunye neenkqubo zophuhliso lwezakhono zokuqinisekisa ukuba abasebenzi bobugcisa nabaphathi baqeqeshwa ngokufanelekileyo ukulawula iProjekthi. Isicwangciso seNtlalo nesaBasebenzi siyakuchonga amathuba okuxhasa uluntu kwaye sibonelele ngokuqeqeshelwa umsebenzi kunye nophuhliso lwezakhono. Qaphela ukuba imibutho emininzi yoluntu ayikholelwa ukuba igesi/irhasi kufuneka kuthenjelwe kuyo ekuveliseni umbane, njengoko ingamafutha efosili njengamalahle, kanti, uMzantsi Afrika unemithombo emininzi ecocekileyo yamandla ahlaziyekayo.

## AMATHUBA EMISEBENZI

Inqanaba lolakhiwo leProjekthi, ngaphandle kokuphuculwa kweQonga le- F-A, kulindeleke ukuba lixhase imisebenzi ethe ngqo engama- 634. Le Projekthi kulindeleke ukuba ixhase malunga namathuba engqesho angama-7 300 (iqaphela ukuba le isenokuba yimisebenzi yezakhono eziphantsi kunye neyamaxhesha athile onyaka) kubo bonke ubomi beProjekthi. Kwenye yeemeko ezithiwe thaca yi-TEEPSA, enento nokwenza nolwakhiwo kunye nokulungiswa kweQonga le F-A, imisebenzi ethe ngqo engama- 5 547 inokuxhaswa, uninzi lwayo luyakudalwa yi- PetroSA. Awona macandelo aphambili ekunokwenzeka ukuba axhamle kwingqesho ngexesha lokwakha aquka imveliso, urhwebo nendawo yokuhlala kunye norhulumente jikelele kunye neenkonzozo zoluntu. Qaphela ukuba kukho ezinye izinto ezibalulekileyo ezikhutshwayo zegesi/zerhasi njenge methane eyayanyaniswa nomjikelo wobomi bokuveliswa kombane kwigesi/kwirhasi, enegalelo kutshintsho lwemozulu.



## UKUVELISWA KWAMANDLA

Xa kuthathelwa ingqalelo ingxaki yamandla ekhoyo ngoku eMzantsi Afrika, kukho imfuneko engxamisekileyo yokongeza umthamo wokuveliswa kombane omtsha kwigradi , kodwa kwakhona kupheliswe izikhululo zamandla zamalahle ezidala zelizwe ukunciphisa ukukhutshwa kweCO<sub>2</sub>. Ukusebenzisa igesi/irhasi ukuvelisa umbane kunokuba kulungele iifundo zoMzantsi Afrika. Irhasi inokuncedisana nemithombo yamandla ahlaziyekayo.



## YIBA YINXALENYE

### Kutheni kufuneka ndibandakanyeke?

Iprojekthi ecetywayo inokuchaphazela uluntu oluhlala kufutshane nommandla kunye noluntu oluxhomekeke elwandle ngaphakathi okanye kufutshane nendawo yeprojekthi. Kubalulekile ke ngoko ukwabelana ngezimvo zakho ngeprojekthi ecetywayo. Nangona kunjalo, nokuba awuhlali kummandla onomdla, unakho ukubandakanyeka.

### Indlela yokubandakanyeka

Qokelela ulwazi oluninzi malunga neprojekthi kangangoko kunokwenzeka. Onke amaxwebhu eprojekthi anokufumaneka kwi- intanethi apha <https://wsp-engage.com/Total-11B12B/> okanye ngokuya kwezindawo zilandelayo: Table 4.16

Table 4-16 – Public Places – IA Phase

Town	Locations
<b>EASTERN CAPE</b>	
East London	<ul style="list-style-type: none"> <li>Buffalo City Municipal Library</li> <li>Harbour - Transnet National Ports Authority</li> </ul>
Gqeberha	<ul style="list-style-type: none"> <li>Newton Park Library</li> <li>North End Library</li> </ul>
Jeffrey's Bay	<ul style="list-style-type: none"> <li>Jeffrey's Bay Tourism</li> </ul>
Humansdorp	<ul style="list-style-type: none"> <li>Kouga Local Municipality Office</li> </ul>
St. Francis Bay	<ul style="list-style-type: none"> <li>St Francis Tourism and Municipal Offices</li> <li>St Francis Bay Library</li> </ul>
Cape St. Francis	<ul style="list-style-type: none"> <li>The Coastal Collective</li> </ul>
Tsitsikamma	<ul style="list-style-type: none"> <li>Koukamma Local Municipality Kareedouw Office</li> <li>Tsitsikamma Tourism Office</li> </ul>
<b>WESTERN CAPE</b>	
Plettenberg Bay / Keurbooms River	<ul style="list-style-type: none"> <li>Plettenberg Public Library</li> <li>Plettenberg Ski Boat Club</li> <li>Cape Nature Office</li> </ul>
Knysna	<ul style="list-style-type: none"> <li>Knysna Angling Club</li> <li>Knysna Tourism Office</li> </ul>
Sedgefield	<ul style="list-style-type: none"> <li>Sedgefield Tourism Office</li> </ul>
Wilderness	<ul style="list-style-type: none"> <li>Wilderness Tourism Office</li> </ul>
George	<ul style="list-style-type: none"> <li>Cape Nature Office</li> <li>Thembalethu Library WCG eCentre</li> </ul>
Mossel Bay	<ul style="list-style-type: none"> <li>Kwanonqaba Library</li> <li>D'Almeida Library</li> <li>Mossel Bay Harbour</li> <li>Mossel Bay Tourism Office</li> <li>Mossel Bay Municipality Office</li> </ul>
Gouritz River Mouth	<ul style="list-style-type: none"> <li>Gouritz River Municipal Office</li> </ul>
Stilbaai	<ul style="list-style-type: none"> <li>Hessequa Municipality Library</li> </ul>

Yiya kwiintlanganiso zika wonke-wonke kwi-intanethi okanye ngokobuqu kwezindawo zilandelayo ukuze ufunde ngakumbi malunga neprojekthi kunye nokuvakalisa izimvo ngomlomo.



Dates, venues and addresses of the Open Houses		Times	Link to Venue
27 September	Mossel Bay Town Hall, Mossel Bay	10h00 – 16h00 17h30 – 19h30	
28 September	Pacaltsdorp Community Hall, George	10h00 – 16h00 17h30 – 19h30	
29 September	Gourits Community Hall, Gourits	11h00 – 16h00 17h30 – 19h30	
02 October	City Town Hall, 14 Flamingo Street, Sedgfield	10h00 – 16h00 17h30 – 19h30	
03 October	Khayaletu Community Hall; Sigcu Street, Khayaletu South, Knysna	10h00 – 16h00 17h30 – 19h30	<a href="#">Link</a>
04 October	Coldstream Community Hall; Stormrivier (Opposite Coldstream Resource Centre and Diagonally across Coldstream Primary School), Tsitsikamma	10h00 – 16h00 17h30 – 19h30	<a href="#">Link</a>
05 October	KwaNokuthula Community Hall, No 1 Xipula Street, KwaNokuthula (Hall is inside the municipality)	10h00 – 16h00	<a href="#">Link</a>
05 October	Formosa Primary School, 56 Milkwood Road, Plettenberg Bay	17h30 – 19h30	<a href="#">Link</a>
06 October	Sea Vista Hall, Geelbek Street, Sea Vista	10h00 – 16h00 17h30 – 19h30	<a href="#">Link</a>
09 October	Kwanomzamo Community Hall, Mjekula Street, KwaNomzamo Humansdorp	10h00 – 16h00 17h30 – 19h30	<a href="#">Link</a>
10 October	Pellsrus Hall, 1 Harder Street, Jeffreys Bay	10h00 – 16h00 17h30 – 19h30	<a href="#">Link</a>
11 October	Tramways Hall, 16 Lower Valley Road, Tramways, Gqeberha	11h00 – 16h00 17h30 – 19h30	<a href="#">Link</a>
12 October	Nhlambe Memorial Hall, No 1 Cause Way Port, Alfred	12h00 – 16h00 17h30 – 19h30	<a href="#">Link</a>
13 October	Cambridge Hall, Brabant Street, East London	11h00 – 16h00 17h30 – 19h30	<a href="#">Link</a>
Date of the online public meeting		Time	
16 October	Online public meeting (ESIA & SLP)	17h00 – 19h30	
Dates of the online themed focus group meetings		Times	
17 October	Focus Group Meeting: Marine Ecology and Acoustics and Fisheries	10h00 – 12h00	
17 October	Focus Group Meeting: Oil Spill and Drill Cuttings Modelling	14h00 – 16h00	
18 October	Focus Group Meeting: Socio-Economic and Cultural Heritage	10h00 – 12h00	
18 October	Focus Group Meeting: Climate Change	14h00 – 16h00	
<b>Please register before/on Wednesday, 11 October 2023 for the online meetings to receive a link to the online meetings.</b>			

Ukunika izimvo kulengxelo, uluntu kufuneka lubhalise njengeMaqela anomdla naChaphazelekayo (Interested and Affected Parties) (I&APs) kwaye lungakwenza oko ngale- imeyile: [gld.teepsaesia@wsp.com](mailto:gld.teepsaesia@wsp.com) okanye ngale webhusayithi: <https://survey123.arcgis.com/share/8351444dc28d4e2f87f6ee65d775baa4>

Naziphi na izimvo ezivakaliswa luluntu mazingeniswe ungadlulanga umhla wama- 25 October 2023. Izimvo zingangeniswa nge- imeyile: [gld.teepsaesia@wsp.com](mailto:gld.teepsaesia@wsp.com) okanye ku- whatsapp: 076 694 3842 okanye umnxeba: 011 254 4800 okanye ngeposi: PO Box 6001, Halfway House, 1685.

## KUFANELE UKUBA Ucinga ngantoni

Iprojekthi zokuphonononga kunye nemveliso zineziphumo ezithe ngqo nezingathanga ngqo kuluntu, kwaye kubalulekile ukucinga malunga nokuba eziziphumo zingayintoni na. Lemibuzo ingezantsi iyakunceda uchonge, kwaye ucinge ngempembelelo yeprojekthi kuluntu lwakho.

- Ingaba leprojekthi izakuyichaphazela njani indlela yokuphila kwam?
- Ingaba ndizawukwazi ukufikelela elunxwemeni naselwandle njengoko bendisenza ngaphambili?
- Ingaba umsebenzi weprojekthi uzakuchaphazela indlela iintlanzi kunye neentlobo zeentaka ezihamba ngayo kwindawo kwaye oku kuyakuba nefuthe kubomi bethu?
- Ingaba ndidla ngokuloba kwindawo yeprojekthi okanye ndityhutyha ummandla weprojekthi ukuze ndifikelele kwiindawo zam eziqhelekileyo zokuloba?
- Ingaba ukuchitheka kwe oyile/gesi/rhasi kunokuba nefuthe elinjani kubantu bethu?
- Ingaba leprojekthi izakubonelela uluntu lwethu ngengqesho, zeziphi iintlobo zezakhono ezifunekayo ukuze uqeshwe kwaye ingaba iyakuba ngumsebenzi wexesha elide?
- Xa iprojekthi igqityiwe, zeziphi iingenelo elizakuxhamla kuzo uluntu?
- Ukuba usebenza kwicandelo lokulima emanzini (aquaculture), ingaba iprojekthi le ingaba nefuthe kumashishini kunye nemisebenzi kwelicandelo?
- Ukuba usuka kwicandelo lezokhenketho, ingaba iprojekthi le inganefuthe elihle okanye elibi kukhenketho?
- Ingaba le projekthi izakuba nefuthe njani kwiinkqubo zam zenkcubeko nezomoya?



# INDLELA YOKUCWANGCISA IZIMVO ZAKHO

Akukho zikhokelo okanye iimfuno zendlela ofuna ukucwangcisa ngayo izimvo zakho. Apha ngezantsi kukho umzekelo wendlela onokuthi uhlele ngayo izimvo zakho.

1. Dwelisa iinkxalabo zakho eziphambili ngeprojekthi kwaye uthethe malunga nokuba ezizinto zixhala bisayo ziye zaqwalaselwa okanye zasingathwa kwiindibano zothethwano noluntu.
2. Chaza ukuba ukholelwa ukuba leProjekthi iyakuyichaphazela njani impilo yakho kunye nobomi boluntu lwakho?
3. Chaza ukuba ukholelwa ukuba iProjekthi iyakuba nefuthe njani ekufikeleleni nasekusebenziseni ulwandle, kwaye iyakuba nefuthe njani kwintshukumo yeentlanzi kunye neentlobo zeentaka.
4. Chaza ukuba ucinga ukuba iProjekthi izakubonelela wena okanye uluntu lwakho ekuhlaleni, kwaye ezo zibonelelo ziyakuba yintoni.
5. Chaza ukuba ingaba iimpembelelo ezintle nezimbi zeProjekthi zaxoxwa nawe na phambi okanye kwiindibano zothethathethwano noluntu.
6. Xela ukuba ukholelwa ukuba iProjekthi iyakuba nefuthe kwinkcubeko kunye nelifa lakho lomoya ukuba iyaqhubeka.
7. Chaza ukuba ngaba uthethwano luka wonke-wonke lwenziwe ngolwimi oluqondayo noba lukuncedile na ukuba uqonde ukuba iprojekthi imalunga nantoni na.
8. Izimvo ezizezinye

**Igama:** \_\_\_\_\_

**Umphakathi/Ingingqi:** \_\_\_\_\_

**Idilesi:** \_\_\_\_\_

**Inombolo yomnxeba:** \_\_\_\_\_

**I-imeyile:** \_\_\_\_\_

**Utyikityo**

-----

**Umhla**

-----